


Tour Guides

For Community



By Pumeza Mqalo



DRAFT

Intshayelelo:

Le ncwadi yenzelwa umntu ongumhlali ofuna ukuba ngu mkhokheli emkhondweni, apha kule ncwadi kukho indawo ebonisa abakhenkethi xa be thatha uhambo.

Ikwa cacisa banzi nge ngohambo mkhondweni kwaba khenkethi, kule ncwadi umbhali ubonisa ukuba abakhenkethi bazindidi funeka uqhelane nabo.

Le ncwadi inganceda nangakubi abantu abanendawo zokulala abakhenkethi naba bandakanyeka imidlalo eyonwabisa abakhenkethi. Inganceda nendlela yabahlali abanolangazelela ngayo abakhenkethi.

Ingaba zeziphi iindidi zemibuzo ozakuyibuza ebantwini (What kind of question you go to ask to people?)

- Ingaba bazi ntoni nge ngotyelelo kunye naba tyeleli?
- Zeziphi izinto ezinokwenza ukuba siphumelele kutyelole apha eCata?
- Ukuba kunobakho abatyeleli singabaphatha njani ukuze bazive bemnkelekile?
- Ingaba zeziphi I (activities) esinazo ezinonika mdla kuzo?
- Kutheni sinomdla wokwenza indawo zotyelelo apha eCata (interesting place)?
- Zeziphi izinto onozenza okanye manyathelo mani onowathatha xa ethe wanezikhhalazo umhambeli?
- Xa ifumene umonzakalo kude ncedo luni onoludinga?

Yintoni oyibone ilulutho kuwe (What did I find useful?)

Into endiyifumeneyo ukuba luncedo kum, kufumana ulwazi olubanzi kwi community yam ngo tyeleleo nanga batyeleli. Apha kwi kukho imizi engcina abantu xa bethe baza beyi (group) bangoneli kwi accommodation esinayo aba abantu abazi host baze baxhamle xa kufike abahambeli kwaye baqeqeshwa ukuba babaphathe njani abantu, nakwezo activity ke zenzelwa abahambeli bayakwazi uthatha inxexheba, enye yezinto ebeziluncedo kum kukuma phambi kwabo ndithethe ndibacacisele banzi nge (history) ye community, indawo izinika umdla kubatyeleli Ingxangxasi(waterfalls, toposcope, horse riding ,museum) lonto yandinika I confidence enkulu, apha kwi guiding ndifunde lukhulu kuba ndidibana ne ndidi zabantu abane choices nge choices, ukutya okwahlukeneyo abakutyayo kwaye bayathanda ke nokutya ukutya kwesiXhosa oku kutyiwa apha ezilalini eyonanto bayifunayo kakhuku ku

(experience) ubom esibuphilayo, funeka ungabonakalisi discrimination ke ubaphathe ngoku linganayo.



Pumeza oyi guide unika abahambeli abasuka e Swiden aba ngaba fundi bafuna ukwazi banzi nge Imbali (history) yase Cata

Imbaliso (Narratives)

Lessons

Ndathatha uhambo naba khenkethi siyobuka indalo, bona babezixelele ukuba abafuni ukuhamba namntu ndacela ukuba nceda ngokwam kuba ndicingela ukhuseleko lwabo, ngoba babenga yazi lendawo bafuna ukuya kuyo nee mpawu zendlela zazinga cacanga kakuhle kodwa sade sahamba sabuya kungekho nto imbi yenzekileyo. Balo nwabela uhambo ngenxa yolwazi endandinalo ngendawo nemibuzo ababeyibuza inika umdla kakhulu.

Ngosuku olulandelayo baphinda bafuna uku zihambela bodwa, kodwa ndaban xhobisa ngezinto abasenoku dibana nazo endleleni ezinokuba nobungozi, umzekelo iinyoka ngoba kwa kushushu. Bahamba bendixelele ukuba bacinga bakhuselekile, kodwa ke xa ndithekelele ukuba bayabuya ndaba ntsalela umnxeba ndiba jonga ukuba ba hamba kakuhle

na; kanti omnye wabo ufumene ingozi wophuka umlenze.



U Terron ngomnye wa bakhenkethi abathanda ukusindwendwe apha eCata kwenzeka ethathe uhambo wophuka umlenze.

Lona ngowona mceli mngeni kubakhenkethi abaye bafune ukuzi hambela bodwa. Badibana neengxaki kungekho mncedi onokubahlangula onje ngomkhomba ndlela. Awukho umthetho othi abakhenkethi mabanga hambi bodwa, kukuba cingela nje kuba bengayazi indawo kwaye bethembele kumaphawu endlela, noku funa ukuba bakhuseleke ngalo lonke ixesha. Amaphawu lawo ke anga cacanga ncam.

Challenges

Onye wezihlobo zam wathatha uhambo naba khenkethi ukuya engxangxasini, waba xelela ukuba zingaphi ii yure aba zazi thatha nezi hlangu aba mazi nxibe kuba kukho indawo ezityibilikisayo, ngoba babeza kuxwesa nemilambo. Nyani baye bavumelana ngesinxibo nange xesha, bathi abanayo ingxaki yokuhamba ngenyayo abayifuni imoto kuba bafuna ukugqitha emahlathini kwaye bafuna ukubona indalo.

Kwala xa sele besendleleni ebuyayo, lathi elinye inenekazi lidiniwe alisafuni kuqhubeka nohambo lifuna imoto ekubeni babevumelene ukuba abasifuni isithuthi. Bamxakekisa uVuyo kodwa ke wazama ukuba cacisela ukuba sele bekufuphi kwi Lodge I kilometers eziseleyo zimbilwa gqithi. Inenekazi alizange lixole yile nkcazelo lagqiba ekubeni lizohlala phantsi lisithi alizokwazi ukuhamba lizolinda isithuthi. Baqhala ke nabanye ba baxhalaba befuna isithuthi.

U Vuyo wenza inzame ebacebisa ukuba isithuthi asizokwazi ukufikelela apho bakhoyo kuba babephakathi ehlathini kwaye kukude ukuba baye ngemva apho ikhoyo indlela yemoto.

Uncedo lokuqala ewalicingayo kukuntsalela umnxeba umphathi wabakhenkethi phaya ekuhlaleni. Wazama ngazo zonke iindlela ukuba thoba umsindo nodinwa ngalo mzuzu behleli phantsi wathatha ithuba wathi ucela bamamele kancinci wabaqala nge mbali yaseCata wabaxelela wababona ukuba bazolile

nomsindo wehlile wababuza imibuzo apha kule mbali ebeyibalisa hayke baqala baqhabalaka bephendula imibuzo bekwabuza futhi imibuzo kwalapha ku Vuyo, wahamba waye emlanjeni okufutshane wabakhelela amanzi wabanika basela bathoba unxano nokudinwa baphinda bathathisa endleleni bade bayokufika kwi Lodge.

Kutheni (Why?)

Indi ncede kakhulu kwicala lokuzithemba noku khuphula ulwazi lwam nge tourism. Naxa ufumene I challenges ahamba nabo kuba bafanele ba complain nawe ukuze ube comfortable funeka bakubuze imibuzo.

Ukuphendula imibuzo enzima yabakhenkethi indinike ukuzithemba nokuba ndime phambi kwabantu okanye phambi kwe (group) yabakhenkethi.

Izikhhalazo zabo zindenze ndaziva comfortable ngoluhlobo:

- Ndakwazi uku sombulula ingxaki ezithi zibekhona ndize ne (solutions)
- Xa ethe wonzakala umkhenkethi ndinike uncedo lukuqala
- Phambi kokuba bathathe uhambo ndiqale ndiba krobise

Ingaba ikhona enye into ebekufanele ukuba ikhona kule ncwadi (Is there anything that should be in this book that isn't?)

- Imingeni othi uyifumane okanye udibane nayo
- Ulwazi olubanzi malunga ne tourism



Omnye wabatyeleli batyelele ihlathi lase Cata
wathanda nokuthatha ifoto



Lo ngu Patrick oyithanda kakhulu indalo utyelele
enye yengxangxasi (waterfalls) zase Cata



Apha sibona enye ye guide zase Cata ithatha
uhamba nabatyeleli ababini ukuya kwi
hearts,uhambo oluzakuthatha intsuku izintlanu.

